ISIFUNDO SESIKOLO
SESABATHA SABANTU
ABADALA

SEVENTH-DAY ADVENTIST CHURCH

4 INCWADI YABASEROMA

Okuqulathiweyo

1	Umpostile UPawulos ERoma Septemba 30–Okthobha 6	126
2	Imbambano Okthobha 7–13	134
3	Imeko Yobuntu Okthobha 14–20	142
4	Ukugwetyelwa Ngokholo Okthobha 21–27	150
5	Ukholo Luka-Abraham Okthobha 28-Novemba 3	158
6	UAdam NoYesu Novemba 4-10	166
7	Ukoyisa Isono Novemba 11–17	176
8	Ngubani UMntu WamaRoma 7? Novemba 18–24	184
9	Akukho Kugwetywa Novemba 25–Disemba 1	192
10	Abantwana Bedinga Disemba 2–8	200
11	Abanyuliweyo Disemba 9–15	208
12	Ukoyisa Ububi Ngokulungileyo Disemba 16–22	216
13	Ukuphila UbuKristu Disemba 23–29	224

Onegalelo Elikhulu Esifundweni:
Abasebenzi Kwizifundo Zabadala

Umhleli:
Clifford R. Goldstein

Isekela-mhleli:
Soraya Homayouni

Umanejala Wopapasho:
Lea Alexander Greve

Oncedisayo Ekuhleleni:
Sharon Thomas-Crews

Ohlanganisa Konke EPacific Press®:
Wendy Marcum

Umzobi Nowemiboniso:
Lars Justinen

Oguqulele EsiXhoseni:
Mpumelelo Iton Buwa

Ungabafumana naku:
www.absg.adventist.org

© 2017 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amalungelo agodliwe. Akukho ndawo kwiSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala, (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlelwa, itshintshwe, ilungiswe, iqhelaniswe, iguqulwe, yandiswe, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba, phambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esibhaliweyo esiphuma kwiGeneral Conference of Seventh-day Adventists®. Iiofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinegunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemiqathango ekhokelayo emiselweyo. Ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasazwa kwazo kuya kuhlala kulilungelo leGeneral Conference. U-"Seventh-day Adventist," "Adventist" kunye ne'logo' yelangatye ziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwiGeneral Conference. Isikhokelo Sesifundo Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala silungiswa yi-ofisi ejongene neZikhokelo Zokufundwa KweBhayibhile Ngabantu Abadala kwiNkomfa Eyongameleyo (General Conference) yaBalindi (Seventh-day Adventists®). Ukulungiswa kwezikhokelo kuphantsi kwenkokhelo jikelele yeKomiti kazwelonke ehlola umgangatho wombhalo weSikolo seSabatha, emalungu ayo athi abe ngabahleli ekuhlanganiswa iintloko nawo. Isikhokelo esipapashiweyo sibonisa igalelo lekomiti ngokubanzi ukuze, ngolo hlobo, isifundo singaniki kuphela okanye ngokufanelekileyo ingcamango yombhali okanye ababhali kuphela.

Apha, Kulapho Simi Khona: ULuther ERoma

Kumakhulu amahlanu eminyaka eyadlulayo kule nyanga, uMartin Luther, iprofesa yezifundo ngoThixo, eyayiminyaka ingama-33 ubudala, yaxhoma iintshumayelo ezingama-95. Nangona nje kuqala yayifuna ukuphikisa ubumenemene bobupopi, obabusenga umhlambi kaLuther ngokuthengisa izithembiso zoxolelo, isenzo sikaLuther sokudelela saba yintlantsi eyalumeka uHlaziyo lobuProtestanti—waza umhlaba awabuye ube nguwo ukususela ngoko

Phofu ke, kuninzi okutshintshileyo kususela ngaloo mini kowe-1517. Into engazange itshintshe liLizwi likaThixo neenyaniso eLizwini ezanika uLuther isiseko semfundo ngoThixo ukuze anike umngeni iRoma nokuba ashumayele kwizigidi isigidimi esikhulu sosindiso ngokholo kuphela.

Embindini kweso siseko, kukho isifundo sale kota: incwadi yabaseRoma. ULuther wabhala kwiCommentary on Romans: "ILeta [incwadi le yamaRoma] iyeyona nxalenye inkulu yeTestamente eNtsha neyona Gospile inyulu, kwaye ifanelwe, kungekuphela ukuba wonke umKristu ayazi igama negama, ngentliziyo, kodwa azixakekise ngayo yonke imihla, njengesonka semihla ngemihla somphefumlo."—Martin Luther, *Commentary on Roma,* translated by J. Theodore Mueller (Grand Rapids, Mich.: Kregel Publications, 1976), p. 8.

Kunjalo, kukumaRoma apho uLuther wafumana khona inyaniso enkulu "ukugwetyelwa ngokholo" kuphela. Kwakulapha apho le ndoda, izamazamana nokuqinisekiswa ngokusindiswa, yatyhila khona inyaniso enkulu—kungekuphela kumaRoma, kungekuphela kwiTestamente eNtsha, kodwa kwiBhayibhile iphela: inyaniso ngecebo losindiso, "esababalwa ngalo ngoKristu Yesu phambi kwamaxesha aphakade" (2 Tim. 1:9, NKJV).

Yile nyaniso le yokuba usindiso lufumaneka kuphela ngobulungisa bukaKristu. Bubulungisa obubalelwa kuthi ngokholo, ubulungisa esibuphiwa ngaphandle kokugcina umthetho. Okanye, njengoko uPawulos ebeke ngokucacileyo kumaRoma: "ngoko ke sigqiba kwelithi, umntu ugwetyelwa ngokholo, kungakho misebenzi yamthetho" (Roma 3:28.)

Kwakungenxa yale nyaniso, kona, ukuze uLuther—edelela amagunya neziphatha-mandla zehlabathi kunye noluhlu lwemigangatho yaseRoma phambi kweNtlanganiso yaseWorms, ngowe-1521, wathi: "Andinako, kwaye ndingasayi kurhoxa, kuba akukhuselekanga ukuba umKristu athethe ngokuchasene nesazela sakhe. . . . Apha, ndimi, Andinakwenza ngakumbi."—J. H. Mede D'Aubigné D.D., *History of the Reformation, translated by H. White (New York: American Tract Society, 1848)*, p. 249.

Namhla, amaProtestanti athembekileyo nawo awanako ukwenza nto ngaphandle kokuma eLizwini likaThixo ngaphezu nangokuchasene nazo zonke izithethe neemfundiso ekuxhathiswe ngazo ezingemanga eBhayibhileni.

Akuthandabuzeki ukuba ubuKristu bubheke phambili kakhulu kususela kuLuther kuzikhulula kwiinkulungwane zenkolo nemfundiso engeyiyo ezingazange zanele nje ukuyijika igospile kodwa, zayiphanga igunya.

Kanti ke, eminyakeni emininzi, uHlaziyo lwema. Kwezinye iindawo kwema endaweni yenkqubela isiqhelo senkolo ebandayo, kwezinye, abantu babuyela eRoma. Ngoku, kwixesha lokwanda kwenkolo nobuninzi bamabandla, iinyaniso eziphambili ezakhuthaza uHlaziyo zisuke zafiphala, zigqunywe phantsi kokudutyulwa ngobuciko babuqhetseba obufuna ukufihla iiyantlukwano ezisisiseko ezingalungisanga nto ngoku kunokuba zazinjalo ngemihla kaLuther. Iziprofeto zikaDaniyeli 7:23-25, 8:9-12, nesiTyhilelo 13, 14, kunye neendaba ezinkulu zokusindiswa ngokholo njengoko zifumaneka kwincwadi yabaseRoma, zibonisa isizathu sokuba abo bathembikileyo eBhayibhileni kufuneke beme bazinze kwiinyaniso amanyange ethu amaProtestanti athi azikhusela, ada alahlweka bubomi bawo.

Thina maSeventh-day Adventists, sihleli kumthetho-siseko othi sola scriptura, isiBhalo kuphela; kungoko, simi siqinile ukulandula yonke imizamo yokutsalela amaKristu emva eRoma nakwinkolo yangaphambi koHlaziyo. Kwelinye icala, isiBhalo sisalathisa kwindlela esinga kwelinye icala (IsiTy. 18:4), kwaye kuloo ndlela sibheka phambili sivakalisa "iindaba ezilungileyo ezingunaphakade" (IsiTy. 14:6) ehlabathini, kwaezo ndaba zilungileyo zingunaphakade ezaphembelela uLuther kwiminyaka engama-500 eyadlulayo.